basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

EXEMPLAR (FOLKLORE) 2015

AMANQAKU: 25

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

IMIYALELO

1. Jonga kwiSetyula S15 yawama-2014: NGENKCAZELO YEENTSOMI NEZIBONGO EZIFUNDISWAYO KWIBANGA LESHUMI KWIILWIMI ZESINTU KWIZIKOLO ZIKARHULUMENTE UKUQALA KUNYAKA WAMA-2015 UKUYA PHAMBILI.

2. Lo nguMzekelo woNcwadi Lwemveli kuphela oluyinxalenye YECANDELO B lweemviwo zokuphela konyaka kuNcwadi, Iphepha lesiBini uLwimi LwaseKhaya.

3. Kwiphepha lweemviwo zokuphela konyaka zeNSC kuya kubakho ukhetho phakathi kweNoveli okanye uNcwadi Lwemveli KWICANDELO B elinamanqaku angama-25 ewonke.

4. Kulo Mzekelo wephepha:
   - Phendula umbuzo OMNYE osekwe kuNcwadi Lwemveli.
   - Abaviwa bangaphendula umbuzo osisincoko okanye imibuzo emifutshane enamanqaku angama-25 ewonke.
   - Kucetyiswa ukuba umviwa achithe imizuzu engama-55 kweli candelo kuphela.

ICANDELO B: UNCWADI LWEMVELI

UMBUZO 10: UMBUZO OMDE

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Nabanye**

Phicotha iimpawu zoncwadi lwemveli usebenzisa ezi ndidi zoncwadi lwemveli zilandelayo:

- Iintsomi
- Izibongo
- Oorayi-rayi **[25]**

OKANYE

UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

INTSOMI YOLOVANE

Kwahlala kwahlala kwangantsomi. Kwiminyaka ngeminyaka eyadlula ngopewula, izilwanyana zadibana entlanganisweni zibizwe nguMdali wazo. Kule ntlanganiso zaziza kuzikhethela imibala. Khumbula ukuba zazikade zingenayo imibala. Zafika kwaMdali zayalelwa ukuba zakhe isangqa esikhulu. Zaxelelwa ukuba mazicingisise, zikhethe imibala eza kuzifanela ngonaphakade kanaphakade kuba zisakuba ziyifakelwe azisayi kuze ziphinde ziyijike, nezizukulwana ziya kuzalwa sezinayo. Zayalwa ziboniswa ukuba kubi kokukhetha umbala ongasayi kuze wamkeleke kwizizukulwana ezizayo. Zaboniswa indlela eziya kugxekwa ngayo zingahlonitshwa ngabantwana ngenxa yobuchule bokukhetha obuheshehe she.

Yabekwa imibala ngemibala phakathi kwesi sangqa zasisakhile. UMdali wamana ukuzibonisa umbala ngamnye awuchaze ukuba umele ntoni na. Wayexela nesizathu esibangela ukuba umbala othile uthandeke okanye ungathandeki. Acebise apho kufuneka acebise khona. Wawubeka umbala omhlophe ewuchazile ukuba apho ukhoyo kuya kukhanya ebomini, izinto zikuhambele kakuhle, umele ithamsanqa. Wehla nayo yonke imibala eyichaza waya kuphuma ekugqibeleni. Yonke le mibala yayineziphene zayo kodwa zazixolisa zilwanyana ngelithi akukho nzwana ingenasiphako.

Laphakama iqwarhashe lathi 'Mdali weZulu nomhlaba, Sonini-nanini, nani nonke zinto zikaBawo ezilapha kule ntlanganiso, kuluvuyo ukunixelela ukuba namhlanje, ngale mini inkulu kangakanana, ndizikhethela umbala omhlophe namnyama. Ndikhetha le mibala mibini ngendikhetha omhlophe qwaba, into ekunayo andilindele kuhle kodwa emhlabeni, ebomini bam. Bangandikhalala nabantwana bam xa ndikhetha omhlophe wodwa kuba baya kuthi xa kunzima bandibuze ukuba kutheni na ndikhethe omhlophe kanti kuya kuthi pam ngamanye amaxesha'.

Zada zaphela izilwanyana. Kwashiyeka ulovane lodwa. Wanyamezela uMdali walinda ulovane ukuba lude lukhethe kuba lwaluba ngabizwa luthi lusacinga. Lwacinga, lwacinga, lwacinga de lwathi, 'he-e-e! Kunzima kakhulu kum ukuthetha imibala. Ndiyifuna yonke.' Waphendula ngelipholileyo uMdali wathi, 'Uze undixelele xa ude wawukhetha, ndokulinda ngomonde ude uze kum.'

Wayithabatha le mibala wayibeka kuzo zonke izinto azidalileyo, emithini, kwiintyatyambo nezinye izinto. Lwamana lujonga loo mibala ulovane, luthi lusakufika engceni lujike lube luhlaza, lufike kwingca eyomileyo lufane nayo, lusakufika kwiintyatyambo ezibomvu lube bomvu, njalonjalo. Kude kube namhlanje, alukabi nazigqibo ulovane, lusakhangela umbala olufaneleyo, lusatshintsha ukuze lukwazi ukuziphepha iintshaba.

11.1 Ngawaphi amaqela adlala indima ekubaliseni kweentsomi? (2)

11.2 Leliphi elona xesha kubaliswa ngayo intsomi? Xhasa impendulo yakho. (2)

11.3 Yeyiphi inkolo enxulunyaniswa nokungabaliswa kwentsomi ngexesha olikhankanye ku 11.2? (1)

11.4 Njongo ni ebangela ukuba intsomi iqale ngala mazwi 'Kwahlala kwahlala kwayintsomi'? (2)

11.5 Cacisa ukuba imibala emhlophe nemnyama inxulunyaniswa nezinto ezinjani ngokwalapha kule ntsomi? (2)

11.6 Luzotywe lwangumlinganiswa onjani uLovane? (2)

11.7 Phuhlisa isigqebelo esityhilwa kule ntsomi? (2)

11.8 Mfundisoni efumaneka kule ntsomi? (2)

ISICATSHULWA B

ISIBONGO – USilimela!

A! Silimela!
AmaNdlamb' amatsha!
Hay' amaNdlamb' amatsha!
Inkos' am, ngumntakaNdluzodaka,
Yindod' ezalwa ngabantwana ababini:
Izalwa nguMakinana noNopasi.
UNopasi yintombi kaMon' umhlophe kaNtshunqe,
Umhlophe kaNtshunqe kwaBomvana.
NguLuhad' igama lakhe,
Umbambo zemka zabuyelela:
Ngaphantsi kwelitye kuyoyikeka,
Kuba zilaph' iinzwana namadikazi.
...

Nina bakwaZulu,
Thathan' amakroza,
Niyakwabelana namaSwazi namaTshopi namaTshangana
Neziny' iintlang' ezingamajarha.
Nina baseBritani,
Thathan' ikhwezi,
Niya kubambana namaJamani namaBhulu,
Noko nibantu bangakwaziy' ukwabelana:
Nisuka nenz' imfazwe yamaBhulu neyamajamani.
Siza kubambana ngeSilimela thina mabandla kaPhalo,
Yona nkwenkwez' enkulu,
Kuba yinkwenkwezi yokubal' iminyaka,
Yokubal' iminyaka yobudoda,
Iminyaka yobudoda.
Ncincilili!
Ncincilili!

11.9 Xela indima edlalwa sisikhahlelo 'A! Silimela' kumqolo woku-1? (2)

11.10 Safobe sini esisetyenziswe kumqolo wesi-2 nowe-3? (1)

11.11 Thelekisa ngokwesakhiwo isitanza sokuqala nesitanza sesibini? (2)

11.12 Nika uphawu lube LUNYE lwezibongo olufumaneka kwistanza soku-1. (1)

11.13 Kuphuhlisa ntoni ngokwesibongo ukusetyenziswa kwegama ' Ncincilili!'? (2)

11.14 Myalezo mni odluliswa yimbongi kwesi sibongo? (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 25